BONA
ABANTU BETHU

UDANISELA UKUZONWABISA

Ingaba kukho into embi kwi*ballet*? Uthi ayikho uTumi Mokgope ozama ukutshintsha iingqondo zabantu bayeke ukuyibona njengomdaniso 'wabelungu'… Kubhale u**Diane Coetzer**, kufote u**Vanessa Grobler/ Homegrown**



▲"Kutheni abantu bethe phithi ziiselfowuni neekhompyutha bengatsho ukuba zizinto zaseYurophu naseMelika, babe bewugxek' umdaniso weballet?" utsho uTumi.

U-ITUMELENG Makgope uyenye yeenkcutshe zomdaniso we*ballet* eMzantsi Afrika, kodwa kuhle umbone xa efundisa iinkedama zeAIDS eRena le Lona Creative Centre for Aids Orphans eseDiepkloof eSoweto ukuze usibone ngokupheleleyo isiphiwo sakhe.

Ufundis' umdaniso we*ballet* abantwana abaneminyaka ephakathi kwemi-6 neli-18 abaneHIV/AIDS nabaziinkedama ngenxa yalo bhubhani.

Ukwenza lo msebenzi akuyondlwan' iyanetha kumdanisi oqhele ukutshila kumaqong' ehlabathi, kodwa uTumi ungumdanisi we*ballet* onomahluko.

"Uya kusoloko engoyena mdanisi onesisa endikhe ndadibana naye. Ululamile, uyabakhathalela abantu, kwaye ungomnye wabadanisi abambalwa abakuthandayo ukugqithisel' ulwazi lwabo kwabanye abantu," utsho uKaren Beukes ongumlawuli weSouth African Ballet Theatre.

Inegalelo elikhulu kwinto ayiyo imvelaphi kaTumi owazalelwa eAcornhoek eLowveld.

Usapho lwakowabo lwaya kuhlala eSoweto esemncinane kodwa uTumi wayechitha iiholide zokuvalwa kwezikolo eLowveld, esebenzisa inkululeko yokuhlala emahlathini, kufutshane neenyamakazi yaye emamela namabali awabaliselwa ngoomakhulu nabazali bakhe.

"Utata uyazi kakhulu le ndawo – wazi imithi yayo, iinyamakazi nemilambo yayo. Nangona sengumntu waseSoweto ngoku kodwa usabuthanda ubomi basemaphandleni akowabo."

Umkhuluwa kaTumi ungumncedi wabakhenkethi kwaye ubasa rhoqo eLowveld.

"Kaloku iingcambu zethu ziseAcornhoek kwaye sifuna ukwandisa umzi katat' omkhulu ukuze sihlale kuwo," utsho.

Uhambise wathi udikiwe yena ngoku bubomi basedolophini. "Abantu baseAcornhoek basathobekile kwaye akukho mfuneko yokuba sinxibe kakuhle xa sikhona. Ndiyabuthanda ke ubomi obunjalo."

Uthetha nje phandle ngemiceli-mngeni ajongene nayo ngethuba engumdanisi we*ballet*.

"Lo mdaniso ufun' isimilo kwaye ukufundis' indlela yokuhamba, eyokuthetha neyokuba yinto engaqhelekanga ebantwini kangangokuba abanye bade bakucaphukele.

"Ngaphezulu ubonwa ngabantsundu njengento 'yabelungu', kwaye ke unjalo ngeendlela



▲"Umdaniso webalett unoqeqesho olungqongqo," utsho lo mdanisi.

ezininzi kodwa oko akuwenzi ufanele ubonwe njengento yaseYurophu."

UTumi uthi imidaniso ethile ye*ballet* iyafana nendlela amaMasai aseKenya ama ngayo natsiba ngayo.

Sisiganeko esibuhlungu esangenisa uTumi emdanisweni we*ballet*.

"Ndadutyulw' emlenzeni kuqhankqalazo lokulwa nocalucalulo ngeminyaka yoo-1980, waza wathi ugqirha mandibe nento endiyenzayo ukomeleza umlenze wam.

"Isalamane sam esasingumdanisi sathi i*ballet* ingawunceda umlenze wam, yaba kukungena kwam kuyo ke oko."

UTumi waqala ukutsiba imiqobo esawuqala ukuzibalula kulo mdaniso.

Kufuneka utshintshe indlela abantu abacinga ngayo ukuze bawamkele umdaniso we*ballet*.

"Kutheni bethe phithi ziiselfowuni neekhompyutha bengatsho ukuba zizinto zaseYurophu okanye eMelika, babe beyigxeka i*ballet*?" utsho.

UTumi wayengomnye wabaseki beSoweto Dance Theatre ekunye noLucky Diale, uCarly Dibakwane, uEllington Mazibuko noJackie Semela ongasekhoyo.

Izinto ezininzi aziphumezileyo ziquka igranti ayifumana ngo-1996 yokuba ayofunda eRambert Dance School eWest London.

Xa wayephantsi kwePlayhouse Dance Company eseThekwini wenza umdaniso onikelwe kuMadiba nowazuza iimbasa ezimbini zeVita Awards.

Kodwa kuye azibalulekanga izinto aziphumezileyo. Eyona nto imchukumisayo kukuva amabali abantwana baseRena *le Lona* Centre kwaye uzimisele ukubanika akufunde kumdaniso we*ballet* – ulonwabo, ukuyila, isimilo nento abangaziphilisa ngayo. [x]

Homegrown/AENS



▲Ngek' ukholwe ukuba umdanisi we*ballet* womelele ngaphezulu komdlali webhola okanye owombhoxo!.